IsiHlomelo D

Mzali/Mgcini womfundi obekekileyo

Ileta eya kuBazali/kuBagcini babafundi: Ukuxolelwa komfundi eKuhambeni iSikolo sikaRhulumente

UMzantsi Afrika ujongene namaxesha angumngeni malunga nobhubhane kazwelonke weKhoronavayirasi.

Apho uRhulumente ethathe isigqibo sokuba izikolo zimele ukuvulwa kwakhona ukwenzela ukuba kuqhubeke ukufundisa nokufunda, iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) limisele imigaqo emayithotyelwe kuzo zonke izikolo ukuphumeza iiprothokholi eziyimiqathango engqongqo yezempilo nokhuseleko. Sicela ukuba onke amabhunga olawulo ancedise inqununu nekomiti yolawulo yesikolo ukuqinisekisa ukulandelwa ngokungqongqo kwale mimiselo inenjongo yokwenza indawo engqonge isikolo ibe yekhuselekileyo kangangoko anako ukulungiselela bonke abafundi nootitshala.

Siyaqonda ukuba abanye abazali banenkxalabo ngokuhamba isikolo okunyanzelekileyo ngeli thuba, nakuba iingcali zezonyango ziyinikile ingqinisekiso yokuba bangaxhalabi. Kunyanzelekile ukuba abafundi beBakala 12 bafumane awona mathuba maninzi okufunda ngeli thuba lokufumaneka kwawo njengoko belungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. ISebe leMfundo esiSiseko ngemiyalelo epapashiweyo, lenze amalungiselelo eemeko-bume ezingqonde ukwenzela abazali abanqwenela ukufaka izicelo zokuxolelwa kwabantwana babo ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo.

INtloko yeSebe, ngokwecandelo 4 loMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (SASA) 1996, (uMthetho 84 ka-1996), inokumxolela umfundi okwethutyana ekuhambeni isikolo okunyanzelekileyo, ukuba oko kumlungiselela ngeyona ndlela ibhetele umfundi.

Ngowe-23 Juni 2020, iSebe leMfundo esiSiseko lakhupha imiyalelo emitsha kwiSaziso sikaRhulumente 343 (*iGazethi kaRhulumente No*. 43365 ngokoMmiselo 4 (3) ophantsi koMthetho woLawulo lweNtlekele (uMthetho 57 ka-2002).

Icandelo 6 lale miyalelo licacisa ukuba umzali makafake isicelo kwiNtloko yeSebe sokuxolelwa okulolu hlobo.

Oku kulandelayo ziindidi ezinokukhethwa ezifumanekayo kubazali ukuba banokunqwenela ukungamthumeli esikolweni umntwana wabo: Ezi ndidi zicaciswe **kwiSikhokelo I (a) seSebe iWCED - Ukuxolelwa ekuhambeni isikolo sikarhulumente** nesikwafumaneka kwiziko lewebhu leSebe iWCED: https://wcedonline.westerncape.gov.za/back-school

Udidi 1: Isicelo sokuxolelwa komfundi **oneemeko zezigulo ezizezinye (*comorbidities*)** okwethutyana ekuhambeni isikolo okunyanzelekileyo.

Udidi 2: Isicelo sokuxolelwa komfundi **ongenazo iimeko zezigulo ezizezinye (*comorbidities*)** okwethutyana nangokwemiqathango ekuhambeni isikolo ngokunyanzelekileyo.

Udidi 3: Ukukhutshwa ezincwadini komfundi nesicelo semfundo yasekhaya (*Home Education)*.

Le leta yenzelwe ukunika wena mzali/mgcini womfundi udidi lwesicelo onokusifaka ukumgcina umntwana wakho ekhaya kangangethuba elizayo eliya kubakho nokongamela ukufunda kwakhe ekhaya.

ISebe iWCED liya kubazisa abazali kwangexesha ngokuqala kugqithwe kwizikolo zabo ukuba liya kuphela nini eli thuba lokuxolelwa komfundi.

Ukuba unqwenela ukusebenzisa **uDidi 1 okanye uDidi 2,** kufuneka wenze oku kulandelayo:

1. Zalisa le form iqhotyoshelweyo (isiHlomelo B (1) yabafundi **abaneemeko zezigulo ezizezinye** okanye isiHlomelo B (2) yabafundi **abangenazo iimeko zezigulo ezizezinye).**
2. Nika isikolo ingxelo yezonyango evela kwingcali yezonyango ebimnyanga umntwana wakho kwimeko yesigulo sakhe. Oku kusebenza kuphela kwabo bafaka izicelo, besebenzisa isiHlomelo B (1).
3. Zalisa ifom yomzali yokuvuma ukuxolelwa komfundi (*parent acceptance form*) (isiHlomelo C).
4. Umzali makangenise ikopi yesiHlomelo B (1 okanye 2), ingxelo yezonyango (esebenza kwiiHlomelo B (1) nesiHlomelo C kwinqununu.

Iimeko zezigulo kwisiHlomelo C ziquka oku kulandelayo:

1. Umzali/umgcini womfundo makamkele yaye avume (isiHlomelo C) ukuba uya kuthwala uxanduva lokongamela ukufunda komntwana wakhe ekhaya.
2. Le misebenzi yolu xanduva iquka:
    - Ukudala indawo ekhuthaza ukufunda kumfundi wakhe ofundela ekhaya.

- Ukwamkela uxanduva lokongamela ukufunda kwemihla ngemihla komntwana wakhe ekhaya, kuqukwa nomsebenzi neemvavanyo zemihla ngemihla.
- Ukwamkela uxanduva lokuqinisekisa ukuba bayaziswa ngomsebenzi omawufundwe ngabafundi nokuba ngowuphi omawugqitywe yonke imihla.
- Abazali mabaqinisekise ukuba wonke umsebenzi nee-asayinmenti bayaziyathatha yaye bazise esikolweni, njengoko kuceliweyo yaye kwavunyelwana noko nasisikolo.

3. Umzali/umgcini womfundi makavume ukuba, kunokurhoxiswa oku kuxolelwa ukuba le miqathango ingentla ayifezekiswanga,
4. Umzali/umgcini womfundi makavume ukuba xa iSimo seNtlekele kaZwelonke siphelile, umntwana wakhe uya kukhutshwa ezincwadini ukuba akekho esikolweni ithuba elingangeentsuku eziyi-10 kungekho sizathu sivakalayo.
5. Ukuba umzali/umgcini womfundi akayivumi le misebenzi iluxanduva lwakhe ingentla, umfundi makabuyele esikolweni.

Njengoko umntwana wakho esabhaliswe njengomfundi wesikolo yaye efundiswa ekwanikwa nenkxaso ngootitshala bakhe, wena, njengomzali/njengomgcini, uhlala unoxanduva lokuhlawula iifizi zesikolo okoko.

Ukuba wena njengomzali/njengomgcini womfundi, akunako ukuvuma le miqathango nemisebenzi eluxanduva ehamba nayo, ngoko ke umntwana wakho umele ukuqhubeka ehamba isikolo.

Udidi 3: Ukukhutshwa ezincwadini zesikolo nokufaka isicelo seMfundo yaseKhaya *(Home Education)*.

Ukuba umzali unqwenela ukumkhupha ezincwadini umntwana wakhe nokuba afaka isicelo sokuba umfundi afumane imfundo ekhayeni lakhe, yena mzali makathobele iimfuno ezimiselweyo zomthetho zokubonelelwa kweMfundo eKhaya (*Home Education*), njengoko kuchatshazelwe kwicandelo 51 leSASA 1996, (uMthetho 84 ka-1996).

UMgaqo-nkqubo weMfundo yaseKhaya (Home Education), 2018, iimfuno ezimiselweyo nemisebenzi yabazali nefom yesicelo zinokufunyanwa kule linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/home-education

Umfundi okhutshiweyo ezincwadini zesikolo kuya kufuneka afake isicelo sokwamkelwa esikolweni yaye azilandele mbo iimfuno ezimiselweyo zokwamkelwa esikolweni ukuba banqwenela ukukhetha ukumbuyisela kweso sikolo sikarhulumente kwakhona umfundi.

Siyaluqonda uloyiko nenkxalabo yomntu wonke ngoku yaye sifuna iindlela zokwenza imfundo iqhubeke kwindawo ekhuselekileyo ukulungiselela bonke abafundi nootitshala. Ngenxa yeso sizathu, iSebe iWCED liqulunqe izikhokelo eziyi-14 ezimalunga nokulawulwa kwe-Covid-19

ezikolweni. Ezi zikhokelo zinokujongwa yaye zikhutshelwe apha: https://wcedonline.westerncape.gov.za/back-school.

Sicela ukuba wonke umntu asincedise ngokulandela mbo imiqathango eziiprothokholi zempilo nokhuseleko kwizikolo zethu.

Sinethemba lokuba wena nosapho lwakho niya kuhlala nikhuselekile.

Owenu ngenene

BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 03 JULAYI 2020